Isalathiso: 20160627-1842
12/11/9
Imibuzo: ABaphathi beze-SIGPM

ISetyhula: 0013/2017
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli; kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zeNgcaciso, uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule, kuBaphathi boQuquzelelo lwezeKharityhulam, kuBaququzeleli beZikolo eziKhuselekileyo, kuBaququzeleli boPhuhliso lweZikolo, kuBaququzeleli beze-RCL; kwiiNqununu nakumalungu ebhunga lolawulo ezikolo zikarhulumente eziziisekondari

Isishwankathelo esifutshane: *Ukuqaliswa kwenkqubo yokufunda ngokwenziwa kweenkonzo zabahlali njengenxenye yeeprogram zasemva kweeyure zesikolo.*

Isihloko: Ukuqaliswa kwamaBhaso okuWonga aBafundi ngoKwenziwa kweeNkonzo zaBahlali (Service Learning Awards) kwizikolo eziziisekondari

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) liyavuya ukwazisa ngokuqaliswa kwenkqubo yokufunda ngokwenza iinkonzo zabahlali njengophawu lweprogram yalo ukususela ngo 12 Meyi 2017.

2. Kwixesha elidlulileyo, i*WCED* yanika ingqwalaselo ngokusesikweni umsebenzi wootitshala kunye nenkqubo yezikolo ngokubanzi. Nakuba kunjalo, kuyaqondakala ukuba umsebenzi obalaseleyo ozisa izinto ezintsha owenziwa luninzi lwabafundi bethu awufumani ngqwalaselo ifanayo okanye ilinganayo kunaleyo inikwa umsebenzi owenziwa ngootishala.

3. Ngokuphathelele koku, uMphathiswa wePhondo ojongene nezeMfundo uyayixhasa ingcamango yokuba i*WCED isungule* amaBhaso aqho ngoNyaka okuWonga aBafundi ngoKwenziwa kweeNkonzo zaBahlali (*Annual Service Learning Awards*), neya kwaziwa njenge-*WCED Service Learning Awards*.

4. Yinjongo ye*WCED* ukuphucula le projekthi njengokuba iye ikhula.

5. Ukufunda ngokwenza iinkonzo zabahlali (*service learning*) yinkqubo yokufunda nokufundisa esele imiselwe kwiindawo ezininzi ezisehlabathini. Yinkqubo efuna ukuhlanganisa inkonzo eyiyo eyenzelwa abahlali kwanokufundiswayo kunye nokucamanga (*reflection*) ngenjongo yokuphuhlisa amava okufunda, ukufundisa

uxanduva umntu ngamnye analo ngokwasekuhlaleni kwanokomeleza iindawo zasekuhlaleni kwethu.

6. Nangona izikolo ezininzi eNtshona Koloni zibandakanyeka kumsebenzi onxulumene nabahlali, akukho kunikwa ngqwalaselo kucwangcisiweyo okanye kwephondo liphela kokufunda kwabafundi okunxulumene nenkonzo yasekuhlaleni kwenziweyo ukuza kuthi ga ngoku.

7. Ngokubanzi, abahlali badinga abantu abaninzi kakhulu, ngokukodwa abantu abatsha, ukuba babandakanyeke kwimvumelwano yezentlalo efuna ukwakhiwa ngokutsha kwemigaqo yokuziphatha ngentsulungeko koluntu lwethu lwasekuhlaleni (*moral fabric*), ngokukodwa kwiimeko zasentlalweni zabo babekade bevinjwe amathuba.

8. Imigaqo yokuthatha inxaxheba ibhalwe kule ISikhokelo esiNika iNgcaciso (*Information Guide*). Inqununu noTitshala oliGosa loQhagamshelwano (*Teacher Liaison Officer*) (*TLO*) elijongene neBhunga eLimele aBafundi (*Representative Council of Learners*) (*RCL*) kulindeleke ukuba bancedise amalungu e-*RCL* ukuba balawule ezi nzame ngokwabo ukwenzela ukuba bafumane uqeqesho ekusingatheni imisebenzi elolo hlobo.

9. Lo gama ekuqaleni i*WCED* iya kuba ibeke esweni iiprojekthi namalinge asele ekho, injongo ikwasekuphuculeni izakhono ngamandla nasekukhuthazeni uthatho-nxaxheba kwizikolo ezingenayo loo misebenzi. Oku kuya kwenziwa ngongenelelo ngoncedo lwasemva kweeyure zesikolo lweZikolo eZikhuselekileyo (*Safe Schools after-school intervention*).

10. Ngokuphathelele koku, kukhuthazwa amabhunga olawulo aqinisekise ukuba izikolo zawo zineeprogram ezicace gca eziqaphelekayo zasemva kweeyure zezikolo eziya kumana ziphuculwa qho ngonyaka.

11. Le program ingayitshintsha indlela abafundi abalujonga ngayo uluntu lwasekuhlaleni. Kukhathazwa iinqununu zikhuthaze abafundi ekusebenzeleni ukuba babe ngabemi abangcono njengoko eli linge linamandla okuphucula ubumbano lwezentlalo (*social cohesion*) nokubethelela ubudlelane obungcono boluntu.

12. Kucelwa wazise okukule setyhula zonke ii-*RCL* kunye namabhunga olawulo ezikolo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2017-03-24

URhulumente weNtshona Koloni

EzeMfundo

AMABHASO OKUWONGA ABAFUNDI NGOKWENZIWA KWEENKONZO ZABAHLALI

2017

ISikhokelo seNgcaciso ngamaBhaso okuWonga aBafundi ngoKwenziwa kweeNkonzo zaBahlali

UMHLA WOKUVALA: 21 APRELI 2017

1. Intshayelelo

AmaBhaso okuWonga aBafundi ngoKwenziwa kweeNkonzo zaBahlali (*Service Learning Awards*) aqaliswe ngo-2017 yaye aya kubanjwa qho ngonyaka. Iya kuphuculwa ngokusebenzisa uthetha-thethwano ngokubanzi nesithili kunye nezinye izitraktsha zeSebe leMfundo leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) zibambisene no*Vodacom*. Imiqathango esebenzayo yomgaqo-sikhokelo namacandelo wawo, ngokungqinelana neemfuno zokumana ukhula ngokukhula, aya kucokiswa rhoqo, aqingqwe aze asetyenziswe jikelele.

I*WCED* inqwenela ukukhahlela bonke abafundi nootitshala babo ababakhokelayo abaye bazivolontiyela ukuthatha inxaxheba kweli linge libaluleke kangaka ngokwenza imisebenzi kunye neeprogram ezahlukeneyo zokuphuhlisa abahlali. Eli Sebe liqwalasela kwakhona iinzame ezizodwa ezenziwe ngaba bafundi nootitshala, amaxesha amaninzi bekwenza oko phantsi kweemeko ezinzima kakhulu, ukufaka igalelo kwiindawo zabo zasekuhlaleni.

Iiprojekthi zokuWonga aBafundi ngoKwenziwa kweeNkonzo zaBahlali yenye yeendlela apho i*WCED* ibulela ikwakhuthaza abafundi abazimiseleyo nababonisa inkathalo kwiinzame zabo zokuphuhlisana njengabemi kumZantsi Afrika wedemokhrasi, ongenabuhlanga nongenalucalulo ngokwesini.

Inkqubo yabafundi abenza iinkonzo zabahlali (*service learning*) inxibelelanisa ukufunda namava enene asekuhlaleni, ukwenzela ukuqinisekisa ukuba abafundi basoloko beyiqonda imfuneko yokuphuculwa rhoqo kobomi basekuhlaleni.

Eli phulo liya kuphuhlisa ngakumbi amathuba okufaka igalelo ekuzuzeni impumelelo ekujoliswe kuyo kwinkqubo ejolise kutshintsho ngokukhawuleza kwiphondo i-*After School Game Changer*.

2. Iinjongo zamaBhaso e*WCED* okuWonga aBafundi ngoKwenziwa kweeNkonzo zaBahlali zezi:

- ukukhuthaza abafundi bazibandakanye ngokukhutheleyo kwiindawo ezahlukeneyo zabahlali abayinxenye yezikolo zabo;
- ukukhuthaza intsebenziswano, ubudlelane nokuqondana ngcono phakathi kwabafundi ezikolweni;
- ukukhuthaza ezemfundo nokufaka igalelo kuphuculo lwezikolo kunye nabahlali abaxhamla kwiinkonzo zabafundi;
- ukukhuthaza iinzame zokukwenza isikolo ukuba sinikwe ingqwalaselo ngabahlali;
- ukukhuthaza abafundi baqalise iiprojekthi kwaye baphucule izakhono zabo zobunkokeli; kunye
- nokunika ulutsha ulwazi olunxulumene nolutsha nemingeni ejongene nabahlali.

3. Ukwenza iprojekthi yokwenza iinkonzo zabahlali

Yeyona ndlela ikukuphela kwayo yokwenza iprogram ephathelele ekwenzeni iinkonzo zabahlali!

3.1 Apha ngezantsi kufumaneka iingcebiso zokukunceda ekwenzeni iprojekthi engokwenziwa kweenkonzo zabahlali.

a) Funda kwiprogram esele ikho.
b) Qiniseka ngeemfuno zabahlali oya kube unika inkonzo kubo.
c) Qiniseka ngezinto zokusebenza ezifunekayo kwiprojekthi. Qaphela ukuba imali ayisoloko iyimfuneko.
d) Iiprojekthi mazisoloko zibonakalisa unxibelelwano oluluqilima phakathi kweenkonzo zasekuhlaleni kunye nekharityhulam.
e) Khokelwa zizakhono, kokuqulathiweyo, kwanemixholo eya kufundiswa yaye iqhutywe.
f) Iimbono malunga nokwenza inkonzo zabahlali ziphuhla kakuhle kakhulu xa kusetyenzwa ngokudibeneyo. Kubalulekile ukucwangcisa ngokudibeneyo. Bhala okunokuba yimisebenzi enokwenziwa ngabafundi, ngamahlakani, kwanokuba abanye beze nobutyebi bezinto ekunokukhethwa kuzo (badale uchulumanco). Oku kukhokelela kwimisebenzi yokwenza iinkonzo zabahlali ngokudibeneyo (*collaborative service learning activities*): utitshala ofake igalelo kakhulu usethubeni elikhulu lokuthatha inxaxheba, abambono zabo zithathelwa ingqalelo bazimisela kakhulu, yaye nee-arhente ziye zibe ngabalingane abazibandakanya kakhulu.

3.2 Qaphela iprogram okanye umsebenzi okhoyo wokutshintshela kwinkonzo yokwenza inkonzo yabahlali enyanisekileyo, enjengokwenza iprojekthi esikolweni aze ayiphononononge ngenjongo yokuyisebenzisela amathuba okufunda. Tshintshiselanani ngeembono nootitshala, abafundi kunye nabalingane abangabahlali.

- Qala ngekhontenti yekharityhulam eqhelekileyo nezakhono, yaye ufumane ukongezeka kwayo ngokuzenzekelayo ide iyokuba yinkonzo. Qaphela ikhontenti nezakhono ezithile ekuya kufundiswa ngazo, mhlawumbi usenokukhangela namathuba okufunda ongezelelweyo kwezinye iinkalo zezifundo.
- Ukususela kumxholo okanye kwicandelo laloo nto ifundwayo, qaphela unxibelelwano phakathi kwekhontenti nezakhono. Qala ngomxholo okanye isihloko esibanzi, esivamise ukuba neziphumo eziqondakalayo ezimalunga nenkonzo, uze emva koko uqaphele iinkalo ezithile zekhontenti kunye nezezakhono.
- Qala ngemfuno eqatshelwe ngabafundi. Qaphela izakhono zabafundi, iitalente nokuyimidla yabo. Nika abafundi ithuba lokuchaza ingxaki, imfuno nezisombululo.
- Qala ngemfuno etyunjwe ngabahlali. Ukuba abahlali bacela uncedo, mhlawumbi bekwenza oko nge-arhente eyayikhe yasebenza nesikolo ngaphambili, kufuneka kungenwe kubuhlakani (*partnership*) ne-arhente leyo.

3.3 **Ndingaqinisekisa njani ukuba inkonzo eyenzelwa abahlali iphucula ukufunda kwabafundi**

Inkonzo eyenzelwa abahlali iphucula yandise ukufunda kwabafundi xa ootitshala becwangcisa kwangethuba ukwenza unxibelelwano ngekharityhulam olunyanisekileyo.

3.4 **Iiprogram zokwenziwa kweenkonzo zabahlali ezisemgangathweni**

- zinxibelelana ngqo nekharityhulam yezifundo;
- zifezekisa imfuno eyiyo yabahlali;
- zibonelela ngexesha lokwetyisa ingcinga;
- zigxininisa kubafundi;
- bazibandakanya ekwenzeni izigqibo ngokwamaqela nasekusombululeni iingxaki;
- bafumane iindlela zokungqinelanisa izakhono neetalente zabafundi kunye neemfuno zabahlali;
- babonelela ngeendlela ngeendlela ekunokukhethwa kuzo kubafundi; yaye
- babonelela ngokunika ingqalelo kweenkonzo ezenziweyo.

3.5 Sikhuthaza ootitshala nabafundi ukuba bathathele ingqalelo le migqaliselo ilandelayo yeNkcazelo yeKharityhulam kaZwelonke (*National Curriculum Statement*) (*NCS*) xa kucetywa iiprojekthi:

a) Utshintsho kwezentlalo: ukuqinisekisa ukuba ziyasonjululwa iinkqubo zokungalingani kwimfundo yexesha elidlulileyo, yaye kunikwa amathuba emfundo alinganayo kuwo onke amacandelo oluntu.

b) Ukufunda ngokukhutheleyo nangengqiqo (*critical learning*): ukukhuthaza ukufunda ngokukhutheleyo nangengqiqo (*critical approach*), ngaphezu kokufunda ngokubamba ngentloko nangokungaqiqi (*rote and uncritical learning*) ngokuphathelele kwiinyaniso ezichaziweyo.

c) Ulwazi nezakhono ezikumgangatho ophakamileyo: imigangatho esezantsi yolwazi nezakhono eziya kufezekiswa kwibakala ngalinye ziyacaciswa yaye kumiselwe imigangatho ephakamileyo, efezekisekayo kuzo zonke izifundo.

d) Amalungelo oluntu, ukubandakanyeka kwabantu beentlanga ngeentlanga (*inclusivity),* ezendalo kwanobulungisa kwezentlalo: ukuqukwa kwemigqaliselo yobulungisa kwezentlalo nakwezendalo (*social and environmental justice*) kunye namalungelo oluntu njengoko achaziweyo kuMgaqo-siseko weRiphablikhi yaseMzantsi Afrika. INkcazelo yeKharityhulam kaZwelonke yamaBakala R-12, izithathela ingqalelo kakhulu (*sensitive*) iiyantlukwano ezinjengokuhlwempuzeka, ukungalingani, uhlanga, isini, ulwimi, ubudala, ukhubazeko kwanezinye iimeko.

e) Ukuxabisa iinkqubo zolwazi lwemveli: ukunika ingqalelo imbali etyebileyo nemvelaphi elilifa lethu (*heritage*) yeli lizwe njengezinto ezifaka igalelo kakhulu ekunonopheleni (*nurturing*) iimfundiso zesiseko eziqulathwe kuMgaqo-siseko.

3.6 INkcazelo yeKharityhulam kaZwelonke (amaBakala R-12) inenjongo yokuvelisa abafundi abanako:

- ukuqaphela nokusombulula iingxaki kwanokwenza izigqibo kusetyenziswa ukuqiqa nokucinga ngokuyilayo (*critical and creative thinking*);
- ukusebenza ngempumelelo njengabantu ngabanye namanye amalungu eqela;
- ukuququzelela nokukwazi ukuzilawula bona kwanemisebenzi yabo ngenkathalo nangempumelelo;
- ukuqokelela, ukucazulula, ukucwangcisa nokuhlola ingcaciso ngengqiqo;
- ukunxibelelana ngempumelelo kusetyenziswa izakhono zokubonwayo, ezokuyimiqondiso kunye/okanye ezeelwimi (*visual, symbolic and/or language skills*) kwiintlobo ngeentlobo;
- ukusebenzisa isayensi nethekhinoloji ngempumelelo nangengqiqo bebonisa inkathalo ngezendalo kunye nempilo yabanye; yaye
- babonakalise ukuliqonda ihlabathi jikelele njengesistim yeenkqubo ezinxulumeneyo ngokuqonda ukuba iimeko ezimalunga nokusombulula iingxaki azenzeki ngokuzimeleyo.

4. Iindidi namabhaso okuwonga abafundi

4.1 Ezi ndidi zezi zilandelayo:

a) IBhaso lokuWonga uMfundi loMphathiswa (*Minister's Award*)
b) IBhaso lokuWonga ukuFunda ngeThekhinoloji (*Technology Award*)
c) IBhaso lokuWonga uMakhi waseKuhlaleni (*Community Builder Award*)
d) IBhaso lokuWonga uSomashishini oyiNkuthazo (*Inspirational Entrepreneur Award*)
e) IBhaso lokuWonga ukuTshatshela kwezeNdalo (*Excellence in Environment Award*)
f) IBhaso lokuWonga ezeNkcubeko neyaNtlukwano (*Culture and Diversity Award*)
g) IBhaso lokuWonga ukuTshatshela kuBunkokeli (*Excellence in Leadership Award*)
h) IBhaso lokuWonga ukuTshatshela kwiMidiya (*Excellence in Media Award*)
i) IBhaso lokuWonga ukuTshatshela kwezoKhuseleko (*Excellence in Safety Award*)
j) IBhaso lokuWonga eliKhethekileyo (*Special Award*)
k) IBhaso lokuWonga ukuTshatshela uKwenza iZinto eZintsha (*Excellence in Innovation Award*)
l) IBhaso lokuWonga iNenekazi elineSidima (*Lady of Substance Award*)

4.2 **Amabhaso**

Kuya kubakho ibhaso libe linye ngodidi ngalunye. Iqela labafundi abaphumeleleyo iya kufumana isatifikethi. Kuya kufuneka ukuba isikolo singenise isicwangciso sokwenza umsebenzi (*business plan*) sichaze iimfuno zaso ukwenzela ukuba abo baphumelele ngokweqela baqhubeke ukwenza umsebenzi wabo kunyaka olandela lowo bebephumelele ngawo ibhaso lokuwonga. Ixabiso lebhaso liya kuba yi-R40 000.

Abo bafikelele kumjikelo wokugqibela wokhuphiswano kwizithili nakwiphondo baya kufumana iZatifikethi zokuGqwesa (*Certificates of Excellence*).

5. Iikhrayitheriya ngokubanzi

5.1 Igalelo labafundi kwimikhwa neemfundiso ezamkelekileyo (*ethos and morale*) zesikolo

- Ubandakanyeko kwiiprogram eziphucula abahlali abakufutshane nesikolo.
- Ubandakanyeko kwimisebenzi yokufunda ngokuqhubelekayo enegalelo elakhayo ekufundeni nasekuphuculeni abahlali.
- Ukuqhagamshelana neenethiwekhi ezifuna ukuphucula ubandakanyeko lwabantu.
- Ubandakanyeko kwiiprogram ezibenza imbumba abahlali abayinxenye yesikolo.
- Ubandakanyeko ekuphuculeni abahlali ngokuqhubelekayo.
- Iziphumo ezihle kwimisebenzi yokufunda kunye nemfundo.
- Ukubonisa izakhono zobunkokeli nobuchule obuqaqamba nangaphaya kwamasango esikolo.

5.2 Indlela abafundi abajongana naso ngayo isiphumo sale mingeni yezentlalo ilandelayo:

- Ukuphuhlisa ubudlelane beentlanga obuhle.
- Ukuqonda ubaluleko lokufundwa kweenjongo zoluntu.
- I-*HIV* ne*Aids*.
- Ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, ulwaphulo-mthetho, ukubhulisha okanye ukungqwangaza (*bullying*) nobugewu (*gangsterism*).
- Ukusebenza ujonge ngaphaya komngeni obangelwa kukuhlwempuzeka kunye nezibonelelo zoncedo ezingaphelelanga.
- Iyantlukwano nokubandakanywa kwabantu bonke (*Diversity and inclusivity*).
- Ukuqaphela kakhulu ngezesini.

5.3 Iikhrayitheriya ezingqalileyo

Ezi ndidi ziya kusetyenziswa zizikolo eziziisekondari kuphela kwaye ziya kunika ithuba amaqela kunye nabantu ngabanye ukuba bathathe inxaxheba.

a) **IBhaso lokuWonga uMfundi likaMphathiswa**
Eli bhaso lokuwonga liya kubhiyozela umfundi okanye abafundi ababebonise ubugorha nobukroti obungummangaliso xa bebejongene neemeko zobomi ezingumngeni. Amagama abatyunjiweyo aya kube ebonisa umoya omhle kwanokomelela kwesimo sabo ekuzimiseleni ukuphila ubomi obunempumelelo okanye ekuncedeni abanye.

b) **IBhaso lokuWonga ukuFunda ngeThekhinoloji**
Eli bhaso lokuwonga liya kunikwa iqela labafundi ababonise ukuza nezinto ezintsha ngokubalaseleyo besebenzisa ithekhinoloji. Umsebenzi lowo uze

nezinto ezintsha kunye nophuhliso mawuphucule amathuba abanye kule nkalo yethekhinoloji, inxenye yabahlali okanye abahlali bephela abakufutshane nesikolo nangaphaya koko. Into entsha leyo iya kunikwa ingqwalaselo ukuba yeyakutshanje okanye ivulela umhlaba omtsha kule nkalo. Kufuneka kwakhona umsebenzi lowo ube nokunceda abanye abafundi.

c) **IBhaso lokuWonga loMakhi waseKuhlaleni**

Eli bhaso lokuwonga liqaphela umfundi okanye abafundi ababenze imisebenzi yobunkokeli kunye nomsebenzi oluxanduva esikolweni kunye/okanye kwalapha ekuhlaleni. Kuya kubhiyozelwa abafundi ngeenzame kwanokuzimela kwabo ukuzisa inguqu eyakhayo nenenkqubela-phambili kwiindawo zabo zasekuhlaleni. Abo banamagama atyunjiweyo baya kuba benze ilinge lokucela umngeni kwintswela-bulungisa ekuhlaleni kwabo kunye nokweyisa ngokusebenzisa amaphulo okanye ukuvolontiya, noya kuba ebonakalise ukusebenza nzima ekuzameni ukuphucula ubomi babanye.

d) **IBhaso lokuWonga uSomashishini oyiNkuthazo**

Eli bhaso lokuwonga lenzelwe umfundi okanye iqela labafundi ababonise ukuzisa izinto ezintsha nokuba yinkuthazo kwinkalo yezoshishino (*entrepreneurship*). Abo bafundi baya kunikwa ingqwalaselo ngenxa yokuyila kwengqondo nokucinga ngokungenazimbophelelo ekuqhubeni ishishini. I*WCED* iya kunika ingqwalaselo ekucinge ngokwahlukileyo ukuqhuba ishishini. I*WCED* iya kunika ingqwalaselo ingcinga eyakhayo yomntu ngamnye okanye yeqela kwanokuzimisela kumoya wezoshishino.

e) **IBhaso lokuWonga ukuFunda ngezeNdalo**

Eli bhaso lokuwonga linika ingqwalaselo umfundi okanye abafundi abaye bazibandakanya baze batshatshela ekukhuthazeni ulwazi lwezendalo ekuhlaleni. Uya kuba ngulowo ubonakalise ubungcaphephe obuqaphelekayo kunye/okanye ukubandakanyeka kumaphulo anxulumene nesi sihloko. Iinkalo ezichaphazelekayo zingabandakanya usetyenziso lwamandla (*energy*), imozulu, ukutya nemithombo yendalo. Ukuqhagamshelana nemibutho okanye abantu ngabanye abaziingcali kule nkalo kuya kuphucula umgangatho wokungeniswa kwale phothifoliyo.

f) **IBhaso lokuWonga ezeNkcubeko neyaNtlukwano**

Eli bhaso lokuwonga liya kuya kumfundi okanye kubafundi ababandakanyeka ekukhokeleni ekulweleni ubumbano lwezentlalo kwanokukhuthaza ubumi obunenkathalo kunye nobudlelane obunemvisiswano phakathi kwabafundi beemvelaphi ezahlukeneyo zentlalo, ezoqoqosho nakwezenkcubeko. La manyathelo makabonakalise ubungqina bokuba asebenze ngempumelelo.

g) **IBhaso lokuWonga ukuTshatshela kuBunkokeli**

Eli bhaso lokuwonga liya kunikwa umfundi okanye abafundi abaye (1) baqhubela phambili ukulwela amalungelo neemfanelo ezinxulumene nabafundi, waza (2) wakhokela kwidabi lezemfundo ngaphandle kwamasango esikolo. Iinzame nosekuphunyeziwe ngokumalunga noku makuxhaswe ngobungqina obufanelekileyo. Ophumeleleyo makabonakalise iimpawu zobunkokeli ezinjengokungazicingeli yena isiqu (*selflessness*), ukuzenza idini, uvelwano kunye nokomelela kwesimo sakhe.

h) **IBhaso lezeMidiya**

Ibhaso lezemidiya liya kunikwa umfundi okanye abafundi abatshatsheleyo ekunikeni iingxelo ezibalulekileyo ngezasekuhlaleni ngokusebenzisa amaphephandaba, i-Intanethi, ubuxhaka-xhaka boomatshini (*electronic*), okumanyelwayo, i*TV*, imidiya yezonxibelelwano loluntu okanye ezokufota. Abafundi kufuneka kwakhona kuthi kanti babekhe babandakanyeka kwiprogram yobuhlakani obuzinzileyo (s*ustained partnership programme*) oko kukhatshwa ziziphumo ezibonakalayo ezinceda abafundi nabahlali kwithuba elide elithe mbo (*sustained period*).

i) **IBhaso lokuWonga ukuTshatshela kwezoKhuseleko**

Umfundi okanye abafundi ababonakalise ulwazi lokubaluleka kweprogram yezokhuseleko ye*WCED* kwanokuba ngumzekelo wento oyithandayo ngohlobo oluthile okanye olulongolunye, uya kuthathwa njengomamkeli weli bhaso oxabisekileyo (njengabamkeli beli bhaso abaxabisekileyo). Umfundi okanye abafundi kufuneka babe bakuphucule ukukhuseleka kwabanye abantwana kwindlela yabo ukuya nokuya nokubuya esikolweni nakwindawo ekufutshane nesikolo. Kuya kunikwa ingqwalaselo umfundi okanye abafundi ababe negalelo kakhulu ekuhlaleni. Kulindeleke ukuba lowo uza kufumana ibhaso lokuwonga abe ubonakalise intsebenziswano nee-arhente zonyanzeliso lomthetho kwakunye nemibutho engekho phantsi kukarhulumente (*law enforcement agencies as well as non-governmental organisations*) ebandakanyeka kwinkalo yokhuseleko lwesikolo okanye lwasekuhlaleni.

j) **IBhaso lokuWonga eliKhethekileyo**

Eli bhaso liya kunika ingqwalaselo umfundi okhubazekileyo kwaye obonakalise inzondelelo eqaqambileyo nobunkokeli obubonakalisa ubugorha ekujonganeni nemeko yakhe, aze ngokwenjenjalo aphembelele abanye ngendlela eyakhayo. Umfundi uya kuba ebonakalise ukukwazi ukuba ngumxhasi wokuqatshelwa kwamalungelo abantu abakhubazekileyo ekwanguye nomntu okhokelayo ekwazisweni kweentlobo ezahlukeneyo zokhubazeko.

k) **IBhaso lokuWonga uKwenziwa kweZinto eziNtsha**

Eli bhaso liya kuwonga umfundi oze nengcamango ebonakalisa ubukrelekrele eyaye yaqulunqwa yasisiveliso okanye inkonzo eyeyona iphambili kwezakutshanje (*cutting-edge product or service*). Eso senzo sokuza nengcamango entsha kufuneka siphucule ukufunda okanye inkalo yobomi babahlali ethile kwaye sibe nefuthe kwezophuhliso. Injongo yoku kukunika ingqwalaselo abo bazibandakanya ekuphandeni ngokukhutheleyo isayensi ngenjongo yokuphucula ukufunda nokuphembelela abanye ukuba babe nothando lwesayensi.

l) **IBhaso lokuWonga iNenekazi elineSidima**

Eli bhaso lokuwonga liya kunikwa ibhinqa eliselula elibonakalise iimpawu zobunkokeli obubodwa neliphembelele abahlali ngokuqaphelekayo. Mayibe ngulowo ubonakalise ukubandakanyeka kwimisebenzi yesisa nakweminye imibutho ebandakanyeka kwiiprogram zophuculo lwezentlalo.

6. Indlela yokutyumba amagama abagqatswa

- I-*RCL* mayiseke ikomiti ejongene nokutyunjwa kwamagama abagqatswa.
- Usihlalo wekomiti ejongene nokutyunjwa kwamagama abagqatswa makaququzelele intlanganiso yokutyunjwa kwamagama abagqatswa ebandakanya amanye amalungu e-*RCL* ukuxoxa ngenkqubo yokutyunjwa kwabagqatswa.
- Ikomiti ejongene nokutyunjwa kwabagqatswa mayifunde iikhrayitheriya neemfuno zecandelo ngalinye ize ibhale phantsi isimo okanye iimpawu eziya kungqinelanisa ezabatyunjwa abangabagqatswa babo kunye noluhlu lweekhrayitheriya ezichaziweyo.
- Nje ukuba atyunjwe umfundi/iqela elifanelekileyo, makuzaliswe ifom yokutyumba amagama enikeziweyo.

7. Ngubani omakasayine ezi fom?

Usihlalo wekomiti yokutyumba amagama abagqatswa nenqununu okanye lowo kudluliselwe kuye amagunya makasayine iifom zokutyumba amagama abagqatswa.

Kucelwa uqaphele ukuba:

- Kufuneka kusetyenziswe ifom ezimeleyo **kudidi** ngalunye.
- Udidi ngalunye angenela lona umtyunjwa ngamnye malubhalwe ngokucacileyo.
- Isikolo masiqinisekise ukuba ifom yokutyumba agama izaliswa ngokupheleleyo. Le fom mayithunyelwe kwiOfisi yeSithili ungadlulanga owe-**21 Apreli 2017**.
- Iifotokopi zefom yokutyumba zinokwenziwa zize zisetyenziselwe ukungenela ukhuphiswano lokufumana amabhaso okuwonga.

8. Ukukhutshwa kwabatyunjwa (*disqualification*)

Kucelwa uqaphele ezi khrayitheriya zimalunga nokukhutshwa kwabatyunjwa kukhuphiswano ngokuphathelele koku. Abatyunjwa abangazithobeliyo ezi khrayitheriya zilandelayo baya kukhutshwa:

- lifom mazizaliswe ngokupheleleyo.
- Abafundi mababe kanti babhaliswe kwisikolo sikarhulumente eNtshona Koloni xa bekubhaliselwa le projekthi.
- Umtyunjwa makangangeneli kwiindidi ezininzi zolu khuphiswano ngexesha.
- Yonke ingcaciso mayibe yenyanisekileyo.
- Izikolo mazisebenzise amabhaso ayimali aphunyelelwe kula mabhaso okuwonga ngenjongo efezekisa imiqathango emalunga nokufaneleka ukungenela ugqatso.

9. Imigaqo yokuthatha inxaxheba

a) Kuphela ngabafundi ekungokunje ababhalisileyo, abasihamba qho isikolo nabanako ukungqinisiswa ngenkqubo yekhompyutha kwaye ubume bokubhaliswa kwabo bunokungqinisiswa nge-*Central Management Information System* (*CEMIS*) banokuthatha inxaxheba.

b) liprojekthi ezifanelekileyo zezo bekukudala zikho ubuncinane beenyanga ezintandathu phambi kokuba kusungulwe la mabhaso okuwonga.

c) Makungabikho mntu okanye qela linokutyunjelwa izigaba ezininzi zolu khuphiswano.

d) Kuphela yifom yokungenela emiselweyo enokusetyenziswa. Abangenelayo, nakuba kunjalo, bavumelekile ukusebenzisa iphepha elongezelelweyo ukwandisa amangenelo abo abawafakayo.

e) Abathathi-nxaxheba mababe nako ukungenisa umsebenzi wabo wentsusa obonisa ukucinga kunye nokwenziwa kwawo ngokuzimeleyo.

f) Onke amangenelo makakhatshwe ubuncinane ziithestimoniyali ezimbini ezisuka kwisikolo senqununu okanye kulowo kugqithiselwe kuye amagunya (oku kunyanzelekile), kulowo wenzelwa inkonzo okanye uncedo inguloo mntu umfundi okanye iqela labafundi ababekhe basebenza naye okanye ihlakani elincedisa umfundi okanye iqela labafundi kwiprojekthi.

g) Umsebenzi obonakalayo owenziweyo, kubandakanywa nempumelelo esemagqabini kwanegalelo laloo msebenzi ngokwasekuhlaleni, malicaciswe gca.

h) linkcukacha zomsebenzi ekubhekiselelwe kuzo apha ngasentla kufuneka zichazwe kusetyenziswa amagama angadlulanga ku-400.

i) Amangenelo makaxhaswe ngephothifoliyo yobungqina obunyanisekileyo, obunokungeniswa ngokohlobo lweefoto, iithestimoniyali, iphephandaba okanye iikliphu zevidiyo, okubhaliweyo okunako ukungqinisiswa, njl. njl.

j) Onke amangenelo aya kuvavanywa ngokunxulumene neekhrayitheriya ezithile ezisetyenziswayo kudidi oluthile oluchaphazelekayo.

k) Iphaneli yokhetho inelungelo lokusa ingenelo kudidi olwahlukeneyo ukuba, ngokwengcamango yephaneli leyo, ingenelo lifaneleka ngcono kolo didi.

l) Kuphela ngabatyunjwa ekwenziwe uluhlu olufutshane ngabo abaya kwaziswa baze bacelwe ukuba baye kwitheko lokuwongwa ngamabhaso.

m) Amangenelo okuqala makathunyelwe kubaququzeleli bezithili, bona baya kuthi baqhube ukhetho baze babize abagqatswa abakuluhlu olufutshane. Abaququzeleli Bophuhliso lweZikolo, abeZikolo eziKhuselekileyo kunye nabe-*RCL* baya kulawula le nkqubo kwinqanaba lesithili.

n) Kuphela ngamangelo amathathu aya kwenzelwa uluhlu olufutshane ngodidi ngalunye kwinqanaba lesithili.

o) Kuphela ngabaphumeleleyo kwisithili kudidi ngalunye abaya kuqhubela phambili ukuya kwinqanaba lephondo.

p) **Amabhaso ayimali aya kunikwa isikolo, nekufuneka sona siqinisekise ukuba imali leyo isetyenziselwa KUPHELA ukuqhubela phambili le projekthi. Akukho kutenxa kuya kwamkelwa kulo mthetho.**

q) Isikolo esisebenzisa ibhaso eliyimali eliphunyelelwe kula mabhaso ngenjongo engayifezekisiyo imiqathango yokufaneleka siya kuthintelwa ekuthatheni inxaxheba kangangethuba elisezantsi leminyaka emibini.

r) Umxhasi unako ukutyumba ummeli okanye abameli ukuba babe yinxenye yephaneli yabagwebi.

s) Isigqibo sephaneli sesokugqibela kungasayi kubakho mbalelwano iya kwenziwa nabo.

10. Amagama abatyunjwa makathunyelwe kwaba balandelayo:

Igama nefani	**Isithili**	**Ifoni**	**Idilesi yesitrato**
Shaheed Majiet Anusha Naidoo	Metro Central	021 514 6922	Gatehouse 2, Alexandra Precinct, Haven Road, Garden Village, Maitland, 7405
Mary-Joan Swartz	Metro East	021 900 7253	Cnr of Belhar and Nooiensfontein Roads, KUILS RIVER, 7579
David Leonard	Metro North	021 938 3000/3170	Timmerman street, Parow, 7500
Rowan Esau Reggie Dreyer	Metro South	021 703 6597	Mfundo House, AZ Berman Drive, Lentegeur, Mitchells Plain, 7785
Fred Josias	Cape Winelands	023 348 0648	9 Durban Road, Worcester, 6849
Sinovuyo Stofile	Eden & Central Karoo	044 803 8377	42 Courtenay Street, Rentzburg Court, George, 6529
Kobus Mike	Overberg	028 2147366	15 College Road, Caledon, 7230
Cathlen Beukes Tommy Loriston	West Coast	021 860 1200	6 Hospital Street, Paarl, 7620

Western Cape Government
Education

NOMINATION FORM

CATEGORIES FOR THE AWARDS ARE:

	Minister's Award
	Community Builder Award
	Inspirational Entrepreneur Award
	Vodacom Technology Award
	Excellence in Environment Award
	Culture and Diversity Award
	Excellence in Leadership Award
	Excellence in Media Award
	Excellence in Safety Award
	Excellence in Innovation Award
	Lady of Substance Award

(*Please use "X" to mark the appropriate category. Use separate forms for the different categories. The full list of categories is available...

I NOMINATE
ADDRESS
ADDRESS
POSTAL CODE
Telephone No.
Cellphone
Fax:

NAME OF SCHOOL
ADDRESS
ADDRESS
POSTAL CODE
Telephone No.
Cellphone
Fax:

REASON FOR NOMINATION
(Please explain why this person / group should be considered one of the finalists.
**If you require more space you may use a separate sheet of paper. You must include practical examples indicating how the nominee has contributed to excellence or achieved against all odds in the field for which nominated.*

References

Please supply the name and contact details of two referees or organisations that can provide the selection panel with more information:

Name:	
Tel / Cell	
Designation	
Occupation	

Name:	
Tel / Cell	
Designation	
Occupation	

Please provide your own details below:

Name	
Designation	

(If applicable)

Add

Address

Tel:	
Cell:	
Fax:	

Signature: _____

Date: D D M M 2 0 1 7